


OMKHULU

NONAMANDLA UMEYISI

 Molweni kusasa nje, kuni. Eyona “Pasika Emnandi” kuni nonke ngamnye! Lena yenye yezona ntsuku zinkulu, zokukhumbula ukuvuka kweNkosi yethu. Yenye yeentsuku ezinkulu kuyo yonke imbali yehlabathi. Luvuko. Kwaye sivuya kakhulu ukuba lapha, ngale ntsasa, ngolu suku lukhulu. Kwaye ukubona ilanga liphuma, neentyatyambo ziphuma emhlabeni, yonke into ithetha ngePasika.

Kwaye ngoku masithobeseni iintloko zethu okomzuzwana nje.

² Bawo Thixo, eBukhloneni Bakho siyeza. Kwaye silindele ukuba Wena usinike, ngale ntsasa, nje intsikelelo encinane eyongezelelweyo evela eZulwini, Incukumiso encinci yePasika kwimiphefumlo yethu; ukuze, xa sisimka apha, sinokuthi, njengabo babevela e-Emawusi, “Bezingavuthi nan iintliziyo zethu ngaphakathi kwethu, ngenxa yoBukho Bakhe?” Kuba, sikucela eGameni Lakhe, nangenxa yozuko Lwakhe. Amen.

³ Ngaphaya kwincwadi yokugqibela, isahluko sama-28 seVangeli kaMateyu oNgcwele, nevesi ye-7, Ndingwenela ukufunda ukwenzela isicatshulwa, njengokuba sisiya kule nkonzo.

Yiyani ngokukhawuleza, nibaxelele abafundi bakhe ukuthi uvukile kwabafileyo; kwaye, niyabona, uyanandulela ukuya kwelaseGalili; nombona khona apho: yabonani, ndinixelele.

⁴ Kubekho imiyalelo emikhulu emininzi enikwe umntu kunye nabantu balo mhlaba. Kodwa akuzange kubekho myalelo ubaluleke kangaka owanikezwayo njengalo, “Hambani nibaxelele abafundi Bakhe ukuthi uvukile kwabafileyo.” Ngumyalelo omkhulu lowo. Kwaye inye kuphela indlela okunokunikwa ngayo oku, yayikukuba kwakumele kubekho uloyiso olukhulu, kuqala.

⁵ Kubekho indoda kwimihla yethu, nakwimihla edlulileyo, nakwimbali enkulu yeli hlabathi, kumabala ayo amakhulu, abanzi edabi; kuye kwabakho abaninzi abeyisi abakhulu, izinto ezininzi ezinkulu ezenzelwe uluntu.

⁶ Umzekelo, ndiyacinga, njengokuba ndisihla ngale ntsasa, ukuvuka kusasa, kwaye andikhange ndibe nethuba lokufunda kakhulu. Ngokuba, bendingazi nje ukuba yeyiphi na indawo, phezolo, esiyakuba nayo namhlanje, phakathi kwam nomalusi,

kwiinkonzo. Kodwa endleleni yam ndisehla, ndiye ndacinga ukuba yintoni, ngale ntsasa, iyakuba yeyona nto ingcono endiyaziyo ukuba ndiyithethe kubantu Bakhe, ukuthabatha umyalezo. Ndiye ndacinga ngoku, “Hambani nixelele abafundi Bakhe.” Ngoku, *abafundi* Bakhe ngaBakhe “abalandeli.” *Umfundi* ngu “lowo ulandelayo.” Ndaze ndacinga ngalo mxholo, wokuba, *Omkhulu Nonamandla Umeyisi*.

⁷ Kwaye ukucinga ukuba bangaphi na abeyisi abakhulu esinabo kweli hlabathi, kwaye zeziphi izinto ezinkulu abazenzileyo ukuqhubela phambili nokuphucula indlela yokuphila yoluntu. Ndandicinga ngoNapoleon omkhulu, emva ngemihla yakhe, indlela awayengomFrentshi ncam, kodwa wayenento ethile engqondweni yakhe. Okokuqala, yena—yena wayeyithiyile iFransi, engayithandi. Evela eziqithini. Kodwa wayenembono engqondweni yakhe, yokuba, ngenye imini uya kweyisa. Kwaye isizathu sokuba abe nezi engqondweni yakhe, kwafuneka ukuba abe nento aza kusebenzela kuyo.

⁸ Kuyo yonke indoda, ngaphambi kokuba wenze umsebenzi, kufuneka ube nesizathu esithile, enye indlela, into osebenzela kuyo, ukwenzela isazathu esisebenzayo, into osebenza ngayo.

⁹ Kwaye njengoko sonke sisazi, ngokuthabatha imbali kaHitler...okanye, hayi kaHitler, kodwa ka—kaNapoleon, yokokuba wahamba ngenyanga, nangokuguquka kweenkwenkwezi. Wasebenza ngaloo ndlela, kwaye elindele; ngokuba ngela xesha linye wenza njalo, waza waphumelela uloyiso. Waze weza ngaphaya eFransi, kwaye waba ligorha elikhulu. Wabulala abantu abaninzi, ngenxa yokuba babengayi kuvumelana naye. Kwaye walicoca lonke ilizwe lakhe, layo yonke into eyayichasene naye. Wasuka wayicima ngokupheleleyo, ngokuba kwakufuneka abe nayo ngolo hlobo. Ukuba wayengenayo ngaloo ndlela, bekuya kubakho into echasene naye ngalo lonke ixesha, kwaye icebo lakhe elikhulu awayenaloo engqondweni yakhe. Ubomi bakhe babuza kuba sesichengeni, ngoko kwakufuneka enze ubukumkani bakhe buphelele bugqibelele kangangoko wayenokubufumana.

¹⁰ Ndiyacinga ngoku ukuba niyandilandela koku, kuMeyisi omkhulu endimcingayo. Yonke into eBukumkanini Bakhe imele ibe yeYakhe. Imelwe kukuba yintliziyo, umphefumlo, nomzimba, kuYe. Akunakubakho nto ichasene naYe. Nantoni na eyayichasene naYe, wayeya kunyanzeleka ukuba ayichithe. Umelwe kukuba abe nayo yonke into kuYe ngokupheleleyo. Kwaye xana . . .

¹¹ UNapoleon, wathabatha izixhobo, iinkanunu, imipu, izikrweqe, amakrele. Waze waphuma nale ngcinga inye, yokuba uya kuloyisa ihlabathi. Kwaye eneneni wakwenza oko, kumashumi amathathu anesithathu eminyaka ubudala. Xana wayesengumfana, wayengumthinteli. Lwaza udumo

lwakhe olukhulu lwamenza wazenza ongoka; kwaye kwangena kwimithambo-luvo yakhe, wade wafa eneminyaka engamashumi amathathu anesithathu, elinxila. ukuduma kwakhe, wayengenako ukumelana nako. Kwaye ndicinga ngendoda, eyathi koku, kwiminyaka engamashumi amathathu anesithathu, yaloyisa ihlabathi yaza yafa ilinxila, ngenxa yodumo lwayo, yaze yaphulukana kwanaloo mgaqo eyayiwulwela. Wayelu—wayeluhlobo lomfuziselo, okanye, engenguye umfuziselo, ndingatsho, kodwa wayesisixhobo somtyholi. Kwaye ezama ukulwa nehlabathi alithobe, kwaye wasilela, kumashumi amathathu anesithathu.

¹² Kodwa, owu, eli likhulu, elinamandla iGorha endithetha ngalo, likumashumi amathathu anesithathu eminyaka ubudala, loyisa konke okwakusemhlabeni nokuse—sesihogweni. Kwiminyaka engamashumi amathathu anesithathu, omkhulu nonamandla uMeyisi!

¹³ Ndinga ngamadabi amakhulu athe aliwa ethafeni. Siyazi, ukugqiba ngoNapoleon, ukuba ufike esiphelweni sakhe eWaterloo. Ibe iyinyhweba yam, kungekudala kwixesha elidlulileyo, ukujonga ngaphaya kwimifuziselo eyenziwe ngamabhodlo eenqwelo zakhe zokulwa, neyabakhweli bamahashe neyamadoda, yendlela abalala njani ethafeni lokulwa. Zaza iinqwelo zokulwa zafunjwa kunye, amavili aphukile, kanye nangaphandle emathafeni, apho lo mbonakaliso mkhulu wenziwe khona.

¹⁴ Kwaye okunjani ukuphikisana okukuko: ukuqaphela ukuba indoda engamashumi amathathu anesithathu, kunye nehlaho elilele phaya kwisikhumbuzo sedabi layo elikhulu nokoyisa; kuze emva koko uye eYerusalem, uze akhangele kwingcwaba elingenanto, njengesikhumbuzo soMeyisi omkhulu nonamandla.

¹⁵ Ngandlela ithile enye, kukho into ethile ekoyiseni. Ukuba kukho into esiyilwelayo, ukuba kukho isifo emzimbeni wethu, kwaye silwa phakathi kokufa nobomi, olunjani uloyiso xa sibona kweyisiwe. Ukuba silwela umkhwa othile omkhulu, okanye into ethile enkulu ethi isikhathaza, xa ekugqibeleni iiflegi ezinkulu zitshangatshangiswa kwaye siyeyisile; enjani imvakalelo ethi isinike, ngaphakathi kuthi, kuba ngoko sinako ke ukuba ngabeyisi.

¹⁶ Ngoku ndicinga ngemfazwe yokugqibela, nendlela xa uHitler wayithabatha iWarsaw. Kwaye amaJamani acinga ukuba olo lolona loyiso lukhulu olwalunokubakho, ngenxa yokuba umthetheli-mkhosi wabo omkhulu, u-Adolf Hitler, wathi wayitshonisa kwa oko yonke into eWarsaw, wadiliza iibhulorho, yaza ibhulorho enkulu yawa. Amaphepha aba nemifanekiso emikhulu yokuwa kwebhulorho. AmaJamani ahamba esitratweni, kwaye abetha amagubu kwaye

avuthela iimpempe, kwaye amawaka eenqwelo-moya adlula ngakuye, njengoko wayephumelele uloyiso lwakhe lokuqala olukhulu. Ebekwe njengo Aleksandire Omkhulu, okanye uNapoleon, esoyisa ihlabathi, kodwa waphelela phi? Kwihlazo. Ngokuqinisekileyo, wenjenjalo.

¹⁷ Ndikhumbula xa bakha enkulu iNyoba iBurma. Kufuneka kube . . . ukuba bathe bawelela ngaphaya kwentaba. amanye amakhwenkwe ahleli apha kusanje, mhlawumbi, awawelela ngaphaya kwale nyoba inkulu. Onjani wona umsebenzi owawunguwo! Ungakanani umsebenzi wokwenene okwakhathathayo, yaye onjani wona umsebenzi wokwenene abawenzayo! Yaye yimalini eyayixabisayo ukwakhiwa laNyoba iBurma, izigidi zeerandi! Amakhwenkwe aphulukana nobomi bawo, ngokwenjenjalo! Kodwa ekugqibeleni, kwaye emva kwexesha, xa imayile yokugqibela imkile, kwaye xana inyoba igqityiwe, ukuba indlela abasuka abantu baduma ngamayeyeyelo! Babenenyoba eyayinokuwela iintaba, ukuze ukuze baphumelele uloyiso.

¹⁸ Ndinga enye inyoba, yokokuba ngenye imini yaxabisa ubomi beNkosi yethu esikelelekileyo. Yayingeyondlela kuphela emhlabeni, kodwa yayiyindlela ephakamileyo ebizwa “indlela ephakamileyo yobungcwele,” apho angayi kucanda oyingqambi, kodwa kuphela abo bafakwe uphawu. Kuphela ngabo bangakwicala akuLo, abaya kudlula kule ndlela iphakamileyo.

¹⁹ Uloyiso olukhulu luphunyeelelwe. Abaninzi bethu namhlanje bakhumbula kakuhle ngeMfazwe yeHlabathi yokuQala. Ndikhumbula xana ndiseyinkwenkwana nje, ndiyeva amakhwelo ekhala; kwanamafama, edlelweni, bawamisa amahashe abo, bawangawangisa iminqwazi yabo. Bakhwaza. Bangxola. Kwakwenzeke ntoni? Imfazwe yayiphelile. Uloyiso lwaluphunyeelelwe. Uqoqosho olukhulu esasilulwela, ekugqibeleni sasiluphumelele uloyiso.

²⁰ Ndinga ngale mfazwe yehlabathi yokugqibela. Ndandihlala ngaphaya kwesitrato. Kwathi kwakuqalisa ukukhala impempe, abantu babalekela eziyadini; abafazi benxibe imibhinqo yabo, beyikhulula, kwaye bayijiwusiza emoyeni. Iimbumbulu zazibhabha emithini. Kwavuthelwa amakhwelo. Iimoto zazibaleka ezitratweni. Abantu bawa ngamadolo, kwaye baphakamisa izandla zabo. Bakhwaza. Balila. Ngoba? Kuba imfazwe yayiphelile. Yaye abo basikelelweyo, abafana abathandekayo ababengaphesheya kolwandle, kungekudala babeza kukhwela isikhephe begoduka kwakhona besiza kubo. Olunjani uloyiso! Elinjani ixesha, kunye nemincili kuyo nayiphi na intliziyo! Onjani umbhiyozo! Ngobo busuku, wonke umntu wayenoburharha, ubunokungena kwindawo yokutyela utye, kwaye uphume ungakuhlalwulanga, ibiya kuba yelungileyo. Ubunokusebenzisa imoto yendoda elandelayo, ibiya kuba yelungileyo. Ubunokucela nantoni

na obuyifuna, kwaye ngewuyifumene. Ngoba kutheni? Uloyiso lwaluphunyelelwe. Amakhwenkwe ayebuyela ekhaya. Kwakuphelile konke.

²¹ Kwaye ndiyacinga, mzalwana wam, kubi kakhulu ukuba olohlobo lweemvakalelo azikwazi ukuhlala lonke ixesha. Kodwa, kumKristu, ngale ntsasa, uloyiso luphunyelelwe. Iintsimbi zovuyo ziyakhala. Imfazwe iphelile, phakathi koThixo nomntu. Uloyiso luye lwaphunyelelwa.

²² Ngaphambi kokuba naluphi na uloyiso luphunyelelwe, kufuneka kuhlawulwe amaxabiso amakhulu. Owu, amaxabiso anjani! Kwaye ngamanye amaxesha anzulu kakhulu, kwaye enza amanxeba amakhulu, adilizayo. Kodwa, ukuze sibe nentaba, kufuneka sibe nentlambo. Ngaphambi kokuba sibe nelanga, kufuneka sifumane imvula. Ngaphambi kokuba sibe nokukhanya, kufuneka sifumane ubusuku. Ngaphambi kokuba sibe nokulungileyo, kwakufuneka babe nokungalinganga, okanye ubungasoze wazi ukuba yintoni na engalunganga.

²³ Kodwa ukuze woyise kwaye uphumelele elona dabi likhulu elathi laphunyelelwa, Omnye waphuma eBuqaqawulini, kwiminyaka emininzi eyadlulayo. Kwaye akazange athabathele kuYe isimo seNgelosi. Akazange eze njengomntu omkhulu. Kodwa Wayezakubonisa ukuba akuthabathi zikrweqe neembumbulu, neebhombu ze atom, ukuphumelela imfazwe. Wazambesa Yena kwintobeko, njengosana oluncinane, waza wazalelwa esitalini. Akuzange kubekho nendawo yokuzalelwa Yena, ekufikeni Kwakhe. Ndifuna ujonge kwizinto ezahlukeneyo zemfazwe, into Awayisebenzisayo.

²⁴ Ngoku, uhlanga luka-Adam lwalusekukhoxweni. Phaya babekho, bengenathemba, bengenathixo, bengenalo ithuba, bengenaceba, bengenayo nantoni na enokubanceda. Iintshaba ezinkulu, zemimandla esezantsi yabalahlakileyo, zabavalela ebumnyameni. Kwakungekho ndlela yokuphuma. Kwakungekho mntu unokunceda. Kungekho nto yayinokwenziwa. Kwakubonakala ngathi yepheleleyo, ilahleko epheleleyo.

²⁵ Kodwa iQhawe lethu, elehla livela kumasango oBuqaqawuli, lizehlisa!

²⁶ Kuba, kwakungekho mntu emhlabeni unokuwenza umsebenzi. Bonke, babesemkhombeni omnye, ngokwentetho yehlabathi. Thina, sonke, “sazalelwa esonweni, sabunjelwa ebugwenxeni, seza ehlabathini sithetha ubuxoki.” Kwaye akukho namnye kuthi owayenokunceda omnye. Sema singenasisombululo, soyisiwe, isisiphithiphithi macala onke, singamanyenanga. Sasingenako ukugcina imithetho nemisitho, sifumana ubuthathaka bayo nanjalo njalo, sasingenako ukuyenza loo nto. Kwaye kwabonakala ngathi lonke uhlanga loluntu luphanzisiwe.

²⁷ Waze Weza, Wehla. Ngokuba, “Yena wayekho kwasekuqaleni,” iBhayibhile yathi, “WayeliLizwi.” WayenguLogos owaphuma kuThixo. Kwaye uLogos, ekuqalekeni, wayenguLizwi. Kwaye Waba liLizwi. Wathi ke xa Wenyakayo ngaloo mini yozuko yePasika, Akabanga liLizwi kuphela, kodwa Waba nguMbingeleli oMkhulu weLizwi ElileLakhe Yena. Owu, enjani ukuba yezukileyo into, Mzalwana Neville! Ukucinga Akalilo iLizwi kuphela, kodwa unguMbingeleli oMkhulu weLizwi ElileLakhe Yena! Sinokuyithandabuza njani? Singahamba njani siye kuYe size singakholelwa ukuba siyafukumana oko sikucelayo? Kuba, Yena uliLizwi noMthetheleli weLizwi! ULogos waba liLizwi, waza uLizwi wenziwa inyama; kwaye kwaloo nyama eyayiliLizwi, yanyuselwa eBuqaqawulini, kwaye ngoku nguMbingeleli oMkhulu esenza intethelelo, ngoKwakhe, kwiLizwi Lakhe.

²⁸ Koko ekuthabatha yona! Leyo yinto iBandla elinayo. Esinjani sona isixhobo! Akuzange kubekho onjengaLo. WayeliLizwi. Kwaye xana Efika, Wazalelwa esitalini. Weza kusebenzisa isixhobo so t-h-a-n-d-o, uthando, ukoyisa ihlabathi; kungengazimbumbulu zomkhosi, kungengamipu ezitshintshelayo neenqwelo zokulwa. Kodwa Weza ngendlela eyahlukileyo. Uza ekwimo yothando. Wayeluthando lukaThixo.

²⁹ Ngaxa lithile, njengenkwenkwe encinane, ndandidla ngokucinga ukuba uKristu uyandithanda, kwaye uThixo wayendithiyile; ngokuba uKristu wandifela, kodwa uThixo unento ngakum. Kodwa ndiye ndafumanisa ukuba uKristu uyintliziyo kaThixo kanye. “UThixo walithanda kangako ihlabathi, wathi Wanikela ngokuphela kwamzelayo uNyana Wakhe, ukuze bonke abakholwayo kuYe bangatshabalali, koko babe noBomi obunguNaphakade.”

³⁰ Ngoku Uyeza, kuqala, ukuza koyisa. Kwaye into eyayibekwe ngumtyholi ehlabathini yayiyintiyo. Kwaye Uza ukuzokoyisa intiyo. Xa siphumelela amadabi ethu, na njalo njalo, kumadabi ehlabathi, kuhlala kuyishiya, ngokuqhubekayo, intiyo; ngokuba, iimfazwe ezilolo hlobo zezotshaba. Kodwa uKristu weza ngothando, ukuza kweyisa intiyo, ukuza kuthanda abo babengathandeki. Uza nesixhobo esahlukileyo. Kwaye wazithoba Yena, “wenziwa waba ngaphantsi kancinane kuneeNgelosi,” ukuze ave ukufa, nokuba anike umzekelo. Kwaye xa Wayelapha emhlabeni, Wahamba phakathi kwabantu.

³¹ Waqondakalisa izixhobo Zakhe zemfazwe, xa Waphilisa abagulayo. Xana Wathabatha amaqebengwana amahlanu amancinci namaqhekeza amabini eentlanzi, waza wondla amawaka amahlanu abantu, Waqondakalalisa ukuba Wayenamandla phezu kwayo yonke i-atom eyayikho. Akazange akhulise intlanzi kuphela, kodwa Wakhulisa intlanzi ephekiweyo. Akazange akhulise ingqolowa kuphela kulo maqebengwana, kodwa Wakhulisa ingqolowa ephekiweyo

kuloo maqebengwana. Yabonisa ukuba Wayenguloo Meyisi mkhulu nonamandla! Akazange afumane kuphela amanzi equleni, kodwa Wenza loo manzi, iwayini, asuka equleni. Waqondakalalisa ukuba UnaMandla okweyisa. Kwaye Wayethanda, kwaye isixhobo Sakhe yayiluthando. Ngoku qaphela.

³² Ngoko xa Wakwenza oko, xa Wayemi ngenye imini ecaleni kwengcwaba likaLazaro, kwaye kukho umntu, ofileyo, kwaye wangcwatywa iintsuku ezine. Kwanabo babekufuphi, bathi, “Nangoku uyanuka.” Impumlo yakhe iwile, iimpethu ziye zarhubuluza kuye. Kwaye uYesu wema phaya, njengoMeyisi Onamandla, xa Wathi kuMarta noMariya, Akuba emi phaya, “Anditshongo na kuni ukuthi, ‘Ukuba nje beninokukholwa, beniya kulubona uzuko lukaThixo?’” Wayesandula kugqiba ukuthetha (xa bathi, “umntakwethu ufile,” na njalo njalo), Wathi, “Ndim uvuko kunye noBomi! Lowo ukholwayo kuM, nokuba ubethe wafa, wodla ubomi. Kwaye nabani na ophilayo kwaye akholwe kuM, akasayi kufa. Andikhange ndinixelele nje ukuba lawo aNaphakade, asikelelekileyo aMandla angaphakathi kuM?” Akazange enze ntetho kuphela, Wakwazi ukuyenza yonke into Awayithethayo, kuba WayenguMeyisi Onamandla.

³³ Ehleli kuYe, ezibambile, egqutyuthelwe yinyama yomntu, njengomntu, kodwa ngaphakathi kokuya kwakungahlalanga wumbi ngaphandle koThixo uSomandla, Lowo umkhulu nonamandla. Wayenako ukudala ngokuphinda. Wayenako ukudala izinto ezintsha. Wayekwazi ukuthetha, kwaye oko Akucelileyo kwakuya kunikwa kulo mzuzwana. Kodwa, Wazithoba, Wahlala ezithobile. Wayefuna ukwenza umzekelo. Wayefuna ukuba luhlobo olululo loMeyisi, kwaye wayeNguye. Ngoku, Waziqondakalisa ukuba unguYe.

³⁴ Njengoko bendihlala ndisitsho emihlanganweni yam, mhlawumbi iyakunika ubungqina ngale ntsasa, kweli qela labantu, ngalentsasa intle yePasika. Inenekazi, elikwibandla elithile elingakholelwayo ekwamkeleni iGazi leNkosi uYesu. “Ngaphandle kokuphalala kweGazi, akukho kuxolelwa kwezono.” Wandixelela ukuba iNdoda yayingumprofeti nje, iNdoda emangalisayo, kwaye ndaYenza uThixo. Ndathi, “YayinguThixo. Wayenguye uThixo.”

Wathi, “Uzama ukumenza Yena mkhulu kakhulu.”

³⁵ Ndathi, “Akukho mazwi anokubonakalisa ubukhulu Bakhe!” Ulwimi lomntu aluzange lufumane ibinzana!

³⁶ Ukuthetha nendoda ngenye imini, unozakuzaku waseWashington, DC, kwaye yathi, kubungqina obuncinane kwi—isidlo sakusasa apho sasidibene khona, yathi, “Mzalwana uBranham, bendingumLutere ubomi bam bonke. Kodwa,” yathi, “ngenye imini ngelixa ndikwimvuselelo yakudala,”

yathi, “Ndaguqa esibingelelweni, ndafuna ukufumana amava ngoThixo.” Yathi, “Kwaye ngelixesha ndandisephaya ndiguqe ngamadolo...” Ngoku, lo ngunozakuzaku waseWashington ode wasebenza phantsi koMongameli Cooledge. Kwaye xa yona “yajonga phezulu,” yathi, “Ndabona umbono kaYesu.” Yathi, “Ndiyakwazi ukuthetha iilwimi ezilithoba ezahlukeneyo, ngokulula kakhulu.” Yathi, “Kodwa andizange ndifumane nelinye igama endinokulitsho, kuzo zonke ezo lwimi zilithoba.” Yathi, “Ngoko ndaphakamisa nje isandla sam, waze Wandinika elitsha, ukuba ndithethe ngalo.” Yathi, “Ndibubonile nje uBuqaqawuli bobuso Bakhe.”

³⁷ Eli nenekazi lithi kum, lathi, “Mzalwana uBranham, uYesu wayengeyonto kuphela umntu, engumprofeti nje.”

Ndathi, “WayenguThixo, dade wethu.”

³⁸ Lathi, “UMenza uThixo, kodwa akanguYe.” Ngoko lathi, “Endleleni eya engcwabeni likaLazaro, iBhayibhile yathi, ‘Walila.’”

³⁹ Ngokuqinisekileyo, Wayeyintliziyo kaThixo kanye. Wabandezeleka njengathi sibandezeleka. Wayeyinyama njengathi siyinyama. Wathwala, emzimbeni Wakhe, iminqweno ekwaminye nezinto esizenzayo. Kanti, ukuze abe liDini eligqibeleleyo, Wayemelwe kukuba ayenze loo nto. Wayenza. Kodwa ndathi. . .

Lathi, “Walila, esihla ukuya engcwabeni likaLazaro.”

⁴⁰ Ndathi, “Kodwa, owu, nenekazi, injalo loo nto. WayenguMntu, xa Wayelila. Kodwa xana Wemayo phaya, ecaleni lela ngcwaba, apho balele khona abafileyo abathe cwaka, apho kwakulele khona umzimba obolileyo, ugqunywe ngeqhiya, xana Wathi, ‘Lisuseni ilitye,’ Watsala waqokelela umzimba Wakhe omncinci, waza wathi, ‘Lazaro, phuma!’ Kwaye indoda eyabe ifile, iintsuku ezine, yema ngenyawo zayo.”

⁴¹ Yayiyintoni? Ukonakala kwamazi uMenzi wako. Umphefumlo wayazi iNkosi yawo. Kwaye laa Meyisi mkhulu nonamandla waqondakalisa apho ukuba unaMandla okufa, nesihogo, nengcwaba.

⁴² Ngokuqinisekileyo, kuyayivuyisa intliziyo yethu! Uthetha ngokubetha amapani ezitya, nokuvuthela amaxilongo? Ihlabathi limelwe kukuba kumbhiyozo wentlokoma ngale ntsasa, ngendlela elingazange libe njalo ngayo, izikhalo nokukhwaza kwabantu Bakhe, ngokuba lo ngumhla wesikhumbuzo xa Waloyisayo utshaba lokugqibela, waza wasikhulula thina mabanjwa.

⁴³ Ewe, WayeyiNdoda. Ilungile lo nto. Waqondakalalisa ukuba yiNdoda, waze Waqondakalalisa ukuba unguThixo.

⁴⁴ Ngobunye ubusuku, xa ulwandle olukhulu, olugqumayo, olubize amawaka emiphefumlo...Mhlawumbi abanye benu

bomama balapha, ngale ntsasa, abafana benu bafele kulwandle olulwayo ngaphandle phaya, basenokuba baye batshona ngaphantsi kwamaza kumathafa aphantangaleleyo edabi zeli hlabathi. Abanye babantu obathandayo balele phaya phandle, mhlawumbi ngaphantsi kolwandle.

⁴⁵ Kodwa ngobunye ubusuku xa Wayelele emkhombeni omncinane, aye amaza esihla enyuka phezu kolwandle, ngathi sisiciko sebhote, Waphakama, waza walubeka unyawo Lwakhe phezu kwentambo yomkhombe, Wajonga phezulu eZulwini, wathi, “Zola.” Kwaye wathi kumaza, “Yithi cwaka!” Kwaye olo lwandle lunamandla lwathomalala kwade akwabikho mbimbi kulo. Ngokuqinisekileyo, wayenguYe!

⁴⁶ Kuyinyani ukuba Walamba njengoMntu. Xa Wehlayo esuka entabeni kwaye Wayelambile, ekhangele phezu komthi into yokutya, WayeyiNdoda. Kodwa xana Wathabatha lo maqebengwana mahlanu neentlanzi ezimbalwa, waza wondla amawaka amahlanu, Wayengaphezu koMntu.

⁴⁷ Xa Wafayo kwiminyaka elishumi elinesithoba eyadlulayo, kusuku olungaphambi kwayizolo, ejinga emnqamlezweni, ekhalela inceba, “Thixo wam, Thixo wam, undishiya ngani na Wena?” Wafa njengoMntu. Kodwa ishumi elinesithoba lamakhulu anento eminyaka eyadlulayo, ngale ntsasa, Waqondakalalisa into Awayeyiyo! Wanikela itywina lokugqibela lobumesiya Bakhe xa Waqhawula amakhamandela okufa nesihogo kubini, waza wavuka kwelabafileyo, uloyiso, “Ndingodla ubomi ngonaphakade! Kwaye, ngokuba Ndisidla ubomi, nani nidla ubomi kanaanjalo!”

⁴⁸ Nanko ke uMeyisi! Uthetha ngokuxhuzula iifaskoti kwaye uzitshangatshangise? Abantu bathi siyaphambana kuba sikhwaza kwaye sibaleka, kwaye siyakhala kwaye singxole. Abazange baluve ungcangcazelo loloyiso lweZulu, lokuba, “Idabi liphelile!” UMeyisi wethu omkhulu Onamandla uphumelele lonke uloyiso! Umi yedwa, ngale ntsasa, engachukunyiswanga!

⁴⁹ Xa Weza emhlabeni, bamnika elona gama liphantsi ababenokuMnika lona njengombaxi, bambiza Yena ngokuba ngu*Bhelezebhule*, “umthetheli weedemon.” Injalo lonto. Waya kwesona sixeko sisezantsi sikhoyo emhlabeni, iYeriko, kwaye eyona ndoda incinane esixekweni kwafuneka ijonge ezantsi ukuze iMbone. Kodwa xana uThixo, ishumi elinethoba lamakhulu eminyaka eyadlulayo, waMvusa! Oko koko umntu wakwenzayo kuYe. Kodwa, ngesixhobo sothando, Woyisa wonke umtyholi.

⁵⁰ Kwaye uThixo waMphakamisela phezulu kakhulu, waze waMnika iGama elingaphezu kwawo onke amagama abizwayo emaZulwini nasemhlabeni. Lonke igama eZulwini liqubuda kwiGama lika “Yesu”! Yonke iNgelosi, yonke

ikumkani, yonke into iqubuda eGameni lika “Yesu”! Lonke ulwimi luyakuMvuma, lonke idolo liyagugoba kuYe. Kwaye Unyukele phezulu kakhulu, ade abe Ukhangelana ezantsi ukuze abone aMazulu. Lowo nguMeyisi Onamandla! NguLowo oyenzileyo! Xa Wemkayo emhlabeni, emveni, phezolo besinayo, Wayenezitshixo zokufa nesihogo zijinga kwicala Lakhe, amen, “Musani ukoyika, mna ndinguLowo wayefile, yaye udla ubomi kwakhona ngonaphakade. Kwaye” (*kwaye* sisihlanganiso) “Ndeezitshixo zokufa nesihogo, zijinga kanye *apha*.” Thetha ngoMeyisi! “Kwaye, ngenxa yokuba Ndeyisile, ndenze nje uhola wendlela ukuze nihambe.”

⁵¹ Umntu waliwa eZulwini, oohola bendlela babevaliwe. Kwakungekho hola wendlela. Kodwa, apho kwakungekho hola wendlela, Weza kuwenza. Owu, bethu! Umgca wokuqala wawuziidemon zentandabuzo, owalandelayo yayilucalucalulo, owalandelayo yayikukuzingca; lo mhlaba wawugutyungelwe yimigca yamandla eedemon; emva koko ukugula, izifo. Kodwa xa Waqalisa ukunyukela eZulwini! Phezolo besinaYe ephuma esihogweni, enezitshixo zokufa nesihogo ecaleni Lakhe. Ngale ntsasa siyaMnyusa. Haleluya! Ekuvukeni Kwakhe, Wayene... Woyisa. Kwaye, njengoko Wayenyuka, Wophula onke amandla omtyholi ayebambe umntu. Wenyukela eNyangweni, wabapha izipho abantu, izipho zoMoya oyiNgcwele. UMeyisi Onamandla! Ume yedwa, ngale ntsasa! Kwaye, phakathi Kwakhe nalo lonke ikholwa, ngumendo omdala osikelelekileyo wobungwele ayakuhamba phezulu kwawo amalungisa. Akukho ndlela yokusinda. Mnye kuphela umgca osikiweyo ukusuka eBuqaqawulini. Washiya iMizila yeenyawo ezineGazi njengoko Wayehamba kwiipaseji zamandla eedemon, Wasenzela uhola wendlela, yonke indlela yokuphumela. Uhleli eNyangweni, ngale ntsasa, njengomMeyisi Onamandla!

⁵² Abantu Bakhe banombhiyozo wentlokoma. Amashumi amawaka abo, ehlabathini lonke, akhwaza uloyiso.

⁵³ Ndiye ndabukela oku kwakudala kubandayo komileyo ukujoyina icawa. Ndingafane ndicinge umntu esithi... Ndiza kukubonisa ukulahlwa kwayo.

⁵⁴ Apha, kwamsinya nje yakuba iMfazwe yokuQala iphelile, umyalezo wawusihla ngendlela apha, ungene kwibhasi yeGreyhound. Bathi, “Yeyantoni yonke loo ngxolo? Imalunga nantoni yonke?”

⁵⁵ Kwaye omnye wabo wathi, “Jonga apha, nali iphepha. Imfazwe isandula kuphela.” Kwaye wonke umntu elila kwaye ekhwaza.

⁵⁶ Kodwa omnye umfazi wathi, “Owu, bethu, kwakutheni ukuze kuphele ngolo hlobo?” Wathi, “Ukuba ibinokuhlala nje iintsuku ezimbalwa,” wathi, “Mna noJohn ngesasihleli kwisitratu esilula.” Wathi, “Ngesihleli phaya.”

57 Kwakukho indoda eyayimi ngasemva kwephepha lebhasi; wafumana laa mfazi, waphantse wamphosa emnyango ukumkhupha. Kwaye xana amapolisa ayibamba indoda, yathi, “Isizathu sokuba ndiyenze,” yathi, “laa mfazi wayengenamntu phaya wayemxhalabele. Kodwa ndinamakhwenkwe amabini phaya.” Yathi, “Andizange ndikwazi ukuzibamba iimvakalelo zam.”

58 Owu, mzalwana! Ndinaye utata ngapha. Ndinabathandwayo ngaphaya. Yinto ethile kum, xa uYesu weyisayo. Ndinomfazi. Ndinosana. Ndinendibathandayo abantu. Laa Meyisi uNamandla mkhulu! Ungandibiza “umqengqeleki ongcwele” okanye u “mntu ongumbaxi wonqulo,” nantoni na oyifunayo. Kodwa, xa ndicinga ukuba loo mfazwe inkulu igqityiwe, ixabiso lihlawulwe, uloyiso luphunyelelwe. UYesu wavuka kwabafileyo, itywina lokugqibela lobumesiya Bakhe, okokuba konke kuphelile. Uyaphila, ngale ntsasa, unezitshixo zokufa nesihogo. Ndinabathandekayo abangaphaya komda phaya. Ndikulohola wendlela umkhulu, ndisiya kubabona. Ungacingi ukuba ndiyaphambana. Owu, kodwa ndivuya kakhulu ukuba yonke into ilungisiwe! Ngumsebenzi ogqityiweyo.

Ngokuphila, Wandithanda; ngokufa,
Wandisindisa;
Ngokungcwatywa, Wathwalela izono zam
kude;
Ngokuvuka, Wagwebela ngesisa
ngonaphakade:
Ngenye imini Uyeza—owu, imini ezukileyo!

59 Olu bhaptizo ludala olusikelelekileyo loMoya oyiNgcwele, ukusikhokelela phezulu kulo mendo umangalisayo wakudala, owu, indlela elizuke ngayo! Ndingathini ukuba neentloni ngaYo? Ndimi noPawulos oNgcwele, ngale ntsasa, ndithetha oku, “Andinazintloni ngeVangeli kaYesu Kristu, kuba ingaMandla kaThixo asingisele elusindisweni.” NgaMandla phezu kokugula. NgaMandla phezu kokufa. NgaMandla phezu kwengcwaba.

60 Xa lowa unqongqo, umpostile wakudala wafika ekupheleni kwendlela yakhe, baze bamba ingcwaba lakhe phandle phaya, kwaye ukufa kwakujongene naye ebusweni, wahleka kanye ebusweni bako. Wathi, “Kufa, luphi na ulwamvila lwakho? Ngcwaba, luphi na uloyiso lwakho?” Waza wadanduluka iindumiso zikaThixo, “Makubulelwe ke kuThixo osinikayo uloyiso ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu!”

61 Oyena Meyisi unamandla wakha waphila, oyena Meyisi unamandla wakha wafa, kuba yayinguYe kuphela owayenokweyisa; afe, aze akweyise ukufa ngokwako, kwaye avuke kwakhona ngoloyiso! Waqondakalalisa into Awayeyiyo. Yayilitywina lokugqibela lobumesiya Bakhe.

⁶² Kwaye ngoku, ngethuba, ukuba kungabakho umntu kwesi sakhiwo ngale ntsasa, olilungu elidikidiki lebandla, kwaye engalwazi uvuyo lwedabi oluphelileyo. Abantu bayakhwaza, abantu bayavuya, abantu bayalila! Uthi, “Yintoni ingxaki ngabo?” Bayazi ukuba yinto egqityiweyo. Idlulile! Ngokuqinisekileyo! Sibetha amagubu. [UMzalwana uBranham uqhweba izandla—Mhl.] Sihlokomisa amaxilongo, kwaye iVangeli iyaphuma. Uzuko naMandla kaThixo ayaziwa. Kwaye ngumsebenzi ogqityiweyo, isivumelwano soxolo sityikityiwe; uzuko kuThixo, uKristu wasityikitya ngeGazi ElileLakhe! Idabi liphelile. Uloyiso luphunyelele. Andizange ndiluphumelele; Waluphumelela! Ndiyavuya nje ngayo. Bethu!

⁶³ Xa amanye aloo makhwenkwe ayebuya ngaphesheya kolwandle, bandixelela, xa inqanawa ingena eNew York, kanye njengokuba yayingena kwizibuko, bajonga phaya baza babona uMfanekiso ongqingqiweyo weNkululeko. Yinto yokuqala oyibonayo, ivelile phezulu. Baphakama ke, abanye bawo amagqala abekhubazekileyo bengaphandle enqanaweni, ukuze bawubone. Baze bathi bakuqala ukuwubona laa Mfanekiso weNkululeko uqingqiweyo, baqalisa ukulila. Balila. Abazange bakwazi ukuyinceda. Indoda enkulu enamandla yema phaya, indoda enkulu enezandla ezirhabaxa, ingcangcazela kwaye igubha. Babengakwazi ukuzibamba iimvakalelo zabo. Ngoba? Yayiluphawu lwenkululeko. Kanye emva kwaloo Mfanekiso weNkululeko uqingqiweyo, kulele...yayingutata, umama, abathandekayo, isithandwa, umfazi, umntwana, bonke kulo mhlaba ababenetsingiselo ethandekayo kubo, bahlala nje emva kwawo. Kwaye kanye phambi kokuba bangene, baqonda, yayilizwe labakhululekileyo kunye nekhaya lamagorha. Ngokuqinisekileyo, ibiya kuzishukumisa iimvakalelo zakho, laa flegi indala iphaphazela. Yicinge, igqala elinamanxeba emfazwe lingena ezibukweni! Ngokuqinisekileyo, yayilixesha elimnandi.

⁶⁴ Kodwa, owu, mzalwana, ngenye yezi ntsasa, xa inqanawa endala yaseZiyon ivuthela, kwaye ndibona laa mfuziselo umi phaya, uMnqamlezo omdala orhabaxa! Ngelixa imimoya ibetha iibhanile zakhe ezindala ezingwevu, njengoko ehamba phakathi kwenkungu yokufa. Olunjani lona uloyiso! Ngoba, akumangalisi ukuba singakwazi ukuzibamba iimvakalelo zethu! Into ethile yenzekileyo; siye saba ngabemi ndawonye. Into iphelile.

⁶⁵ Xa bangxabalazisa ibhulorho enkulu phakathi koMntla kunye—kunye—kunye—kunye noMzantsi Australia, ukusuka eSydney, ngaphaya ukuyokutsho eMzantsi Sydney. Indlela yonke indoda yathabatha...Ngokuba, balityhutyha ilizwe lonke, ukuzama ukufumana umntu onokuyenza loo nto. Loo msebenzi wawumkhulu kakhulu, kuba babesithi akukho mntu uya kuwenza. Ekugqibeleni, indoda yaseNgilani yathi, “Ndiza kuwenza umsebenzi.” Wathi akufika ezantsi phaya ukuze enze loo msebenzi, wavavanya yonke ibholt eyayingena

ebhulorhweni. Udumo lwakhe lwalusemngciphekweni. Waluvavanya lonke udaka nayo yonke into ehilileyo. Wafumana ukujikeleza, abona bangcono wayenokubafumana; wafumana obona makhenikhi bangcono, abona bachwephesha bechemicals bangcono kakhulu, abona bangcono kakhulu kuyo yonke into awayenokubafumana, bemngqongile. Kwaye, ekugqibeleni, xa ibhulorho yagqitywayo, kwaye yafika imini apho kufuneka ivavanywe.

⁶⁶ Abagxeki bema kwicala elinye, baze bathi, “Ayizukubambelela. Iya kushukuma iwe. Yintlabathi eninzi ezantsi phaya.”

⁶⁷ Kodwa wemba kakhulu, kakhulu, kakhulu, ukwehla. Wayenentembelo. Wayesazi ukuba yonke into yayivavanyiwe. Waze wathi, “Ndiza kwenza uhambo lokuqala ukuwela, ngokwam.” kwaye njengoko ehamba enqumla ibhulorho, phambi kosodolophu, ngasemva ngolo hlobo; noololiwe abakhulu, malunga nesithandathu ububanzi, bewela, beshukumisa la bhulorho. Indoda enkulu eyayenzayo, yahamba phambi kwalo mngcelele, ngolu hlobo, “Ukuba iyawa, ndikunye nayo.” Kodwa wayenentembelo.

⁶⁸ Leyo yindlela iNkosi yethu esikelelekileyo eyenza ngayo xa Yenza iBandla laYo! Uvavanya yonke ibholt, yonke into engena kuLo, kuba Imelwe kukuba ihlanjwe ngeGazi! Kwaye omnye wabagxeki wayemi ecaleni, wathi, “Ela qela labaqengqeleki abangcwele, alisayi kuphumelela.” Kodwa ngolunye lwezi ntsuku zizukileyo! Lo Meyisi mkhulu unamandla uhamba phambi kwethu namhlanje, ngoloyiso! Myeke angcangcazele, enze into ayifunayo, Uyakwenza... Akusayi kubakho ukutyibilika kuyo, naphi na, ngokuba Yena wenza indlela, wayigqiba. Ngokuqinisekileyo!

⁶⁹ Sicinga namhlanje ngokwemigaqo yabantu, sibeka iingqondo zethu kwizinto zehlabathi. Kodwa mandikuxelele into, mzalwana, ungaze undivumele ndibe neentloni ngeVangeli! Owu, mzalwana, ndingowakudala, ndizelwe ngokutsha, ndizelwe ngoMoya oyiNgewele, woMoya kaThixo. Ndazalwa ngala ndlela, yiloo nto kuphela endiyiyo, kwaye yonke into endifuna ukuba yiyo.

⁷⁰ Ngaxa lithile, kungekudala kwixesha elidlulileyo, kwakukho intombazana eyayiye kwanokholeji. Kwaye wayeyintombazana ethandekayo, encinci. Kwaye xa wabuyela ekhaya, weza neembono zakhe zakwanokholeji.

⁷¹ Kwaye mhlawumbi, ngale ntsasa, abanye benu bebenezimvo zenu zangaphandle kunye nani. Mhlawumbi uzithwele, ukuya ecaweni, ezininzi izimvo zakho. Ke, zilahle, yeyona nto ingcono endaziyo ukuyenza.

⁷² Emva koko le ntombazana, xa uloliwe wema ngaphambili, yeza nentombazana encinane kunye naye, enye yezintlobo

zeendlavini, uyazi, njengohlobo luka-Elvis Presley. Kwaye xa wayemi phaya, uyazi, kuloliwe, unina wayengaphandle, ixhegokazi limi phaya, linamanxeba lonke, ebusweni balo; amancinci, amagxa agobileyo; enxibe ilokhwe encinci yekaliko, ityali encinci emagxeni akhe. Kwaye le ndlavini incinci eyayikunye naye, lena iyenye intombazana, yajonga ezantsi, yathi, “Ke, ngubani olwasizi, lubi ukujongeka oludala udwayinge?”

⁷³ Ke, uyazi, yayenza iintloni le ntombazana, yathi, “Andazi,” kuba wayesisincwinana nje kakhulu, kwaye enezimvo ezininzi zehlabathi entlokweni yakhe. Kwaye yayingumama wakhe.

⁷⁴ Wathi akuhla kuloliwe, umama omncinane omdala wabalekela ngaphaya, ukuya kumwola. Wathi, “Owu, sithandwa, uThixo ayisikelele intliziyo yakho encinci.” Kwaye wajika umva wakhe waqalisa ukuhamba esimka, ngokungathi akamazi. Wayehlazekile, kuba unina wayembi kakhulu.

⁷⁵ Kwaye kwenzeka ukuba, umqhubi walo loliwe, wayelazi ibali. Wajikela wayapha phaya, wabeka izandla zakhe egxalabeni laloo ntombazana, wayijika phambi kwesihlwele, Wathi, “Ihlazo kuwe! Ihlazo kuwe!” Wathi, “Ndilibonile ixesha xa umama wakho wayemhle ngokuphindwe kalishumi kunawe.” Wathi, “Waye... Ndandihlala ebumelwaneni.” Waze wathi, “Wawulusana oluncinci, kwaye uphezulu kwibhedi yakho yokulala. Kwaye umama wakho wayexhoma iimpahla kwiyadi engasemva.” Waze wathi, “Ngequbuliso, lavutha iziko, yaza yonke indlu yaba kumadangatye. Kwaye xana umama omncinci wakho wabalekayo, esazi ukuba ukwigumbi eliphezulu, phaya phezulu.” Wathi, “Bakhala, baza bazama ukumbamba. Kodwa waxhuzula oko wayenako, wemka, wabaleka ephumela kuloo madangatye, esiya kumgangatho ongaphezulu; wakhupha iimpahla zakhe emzimbeni wakhe, wakusonga ngazo. Kwaye nanko esiza, ephuma emadangatyeni, efunqule wena. Waza waquleka, eyadini, enawe ezingalweni zakhe.” Waze wathi, “Wathabatha oko bekuya kumkhusela, waze wakhusele wena.” Waze wathi, “Isizathu sokuba ube umhle namhlanje, seso sizathu sokuba yena abe mbi. Kwaye, ufuna ukundixelela, unokuba neentloni zezo ziva kunyoko?”

Ndiyacinga namhlanje:

Ukuba uYesu uwuthwele yedwa umnqamlezo,
Lize lonke ihlabathi likhululeke?
Kukho umnqamlezo womntu wonke,
Kwaye kukho umnqamlezo owenzelwe mna.

⁷⁶ Ukuba uYesu wabalelwa ukuba ngu “Bhelezabhule,” leli hlabathi, Wahlekwa waza wagculelwa, waxhonywa emnqamlezweni, wenziwa ihlazo ngenxa yam, ndonwabile ngakumbi ukuthwala ingcikivo yobungwele Bakhe. Ewe mhlekazi. Yibize, “Umqengqeleki ongcwele!” nantoni na

ofuna ukuyibiza, nakuphi ukuphawula ofuna ukukwenza. Oko akuyiyekisi nakancinci. Ndiyavuya kuphela, ngale ntsasa, okokuba, entliziyweni yam, uKristu ovusiweyo ephila kwaye elawula. Ndingomnye wabalawulwa Bakhe. Ndiyathemba ukuba unjalo, nawe.

⁷⁷ Ixesha lethu liphelile ngoku. Yintsimbi yesixhenxe kanye, xa besithe siyakuchithakala. Iinkonzo ezilandelayo ziyakuqala malunga neyure ezimbini, ngoku, ngecala emva kwentsimbi yethoba.

Masithobeseni iintloko zethu, okomzuzwana nje, ngomthandazo.

⁷⁸ Bawo waseZulwini onoyolo, imizuzu engamashumi amane anesihlanu idlule, iLizwi liphumile. Iintliziyo zethu zonwabile. Intlokoma iyaqhubeka; hayi nje intlokoma yosuku olunye, kodwa intlokoma kaNaphakade! EBUqaqawulini, iiNgelosi ziyacula. Owu Thixo, iBandla, uloyiso, liyacula. Iintsimbi zovuyo ziyakhala. Imiphefumlo eyayikhe yagwetyelwa ukufa, ize ife kwaye iye engwabeni likamtyholi, umtyholi woyisiwe! Ukufa kweyisiwe. Ingcwaba leysiwe. Ukugula kweyisiwe. Iinkolelo zoyisiwe. Ulunya loyisiwe. Intiyo yoyisiwe. Ukungakhathali kweyisiwe. ukuba lukhuni kweyisiwe. Ukuzidla kweyisiwe. Yonke into yoyisiwe. UKristu nguMeyisi omkhulu!

Khangela! Nanko uMeyisi onamandla (yatsho imbongi)

Khangela! Mboneni Yena ekuhlени,

Kuba UnguMeyisi onaMandla,

Kusukela Wakrazula kubini ikhuselo.

⁷⁹ Wakrazula elaa khuselo lalifihle umntu kuThixo, kwaye ngoku uThixo uhlala phakathi kwabantu. Wakrazula elo khuselo elalithintela impiliso kaThixo. Wakrazula elo khuselo elalithintela intsikelelo kaThixo. Wakrazula elo khuselo elalithintela uvuyo lukaThixo. Wakrazula elo khuselo elalithintela uxolo lukaThixo. Ngoku ikhuselo likrazulwe kubini. NgeGazi ElileLakhe, Wahamba njengoMeyisi! Idabi liphelile, Wakuqondakalalisa kuthi ngovuko Lwakhe. Kwaye ngoku uMoya oyiNgewele ulingqina, elithunyelwe ukuba lisikhokele.

⁸⁰ Owu Thixo onguNaphakade, ukuba kukho umntu apha ngale ntsasa, osazilazilayo, engena ephuma, kwindlela ephakamileyo, esiwela ecaleni kwendlela, engazange akwazi ukuhamba kakuhle embindini, kunye namaqhawe amakhulu, amaqhawe amakhulu anyathele embindini wendlela aphakamileyo, siyathandaza, ngale ntsasa, ukuba bayakunikela konke kwabo kuWe, kwaye baphume baze bonwabele olu loyiso lukhulu luphunyelelwe yiNkosi yethu evukileyo. Siphe oko, Bawo, kuba sikucela eGameni likaKristu.

⁸¹ Kwaye ngelixa sisazithobileyo iintloko zethu. Andazi, ngalo mzuzu wexesha, ukuba ningaphakamisela izandla zenu kuKristu, nize nithi, “Kristu, ndiyabulela, andisayi kuphinda ndibe nazintloni ngaWe. Ndiye ndanentloni nje kancinci.” UThixo akusikelele, nenekazi. UThixo akusikelele, mhlekazi. UThixo akusikelele, wena. Owu, bethu, izandla zihamba yonke indawo! “Ndiye ndanentloni kancinci. Ndiye ndanentloni. Kwaye ndiyayibona ngokwenene indawo yam ngoku. Bendingafanelanga ndiyenze loo nto. Ndimele ndime phandle, ndinike ubungqina bam! Ndifanele ukuba njalo ngqo. Kufuneka ndixelele wonke umntu, ‘Ndizelwe ngokutsha.’ Ndifanele kuxelela wonke umntu, ‘Ndiwamkele uMoya oyiNgcwele.’ Andinazintloni ngayo iVangeli, kuba ingaMandla kaThixo asa elusindisweni. Ndifuna ukuba ngumKristu wokwenene ngaphambili. Andizange ndibe nguye. Kodwa, ngoncedo lukaThixo, ukusukela ngale ntsasa yePasika, ndiyakuba nguye. Ndiya kuba nguye.” Omnye umntu phakamisa izandla zakho ngoku phambi kokuba sithandaze? UThixo akusikelele, wena, wena.

⁸² Bethu, jonga izigqibo! Ubuncinci amashumi amabini anesihlanu okanye amashumi amathathu, ahleli phakathi kweli qela lincinane labantu ngale ntsasa, enze isigqibo. Ukususela kule ntsasa inkulu yoloyiso, baya, ngobabalo lukaThixo, kuma kwaye bangabi nazintloni ngeVangeli, kuba ingaMandla kaThixo asa elusindisweni.

⁸³ Owu Thixo, njengoko ezi zandla zinyukile, nomculo uvakala kamnandi ubuyela ezantsi endleleni, Njengokuba sidlulile ekufeni, sangena eBomini, ngokuba Wena wathi, “Lowo uwevayo aMazwi aM, aze akholelwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade.” Badlule ekufeni bangena eBomini, ngokuba Wena waba kukufa ukuze babe buBomi, ngovuko Lwakho. Wenziwa waba ngaphantsi kuneeNgelosi, wehla waya kuba ngumntu, uphuma kulaa Mzimba welizwi mkhulu uvela Ngaphaya, owathi wenziwa inyama waza waba neGazi, waza waliphalaza elaa Gazi, ukuze Usenzele sonke indlela yokusinda. Ngoko akwenza yona nje kuphela, (siyifunda eBhayibhileni), kodwa Waqondakalalisa, ngokungenasiphoso, ngokuvuka kwabafuleyo, nokuvusa abafuleyo xana Wawulapha emhlabeni; hayi kuphela okuya, kodwa wena ukwenzile, ukwenze kwaba bubungqina obuphindiweyo, njengoko Wenzayo ku Abraham; ngoku, ngaphandle koko, Wabuyisela uMoya oyiNgcwele njengengqina. Kwaye sinoBukho Bakhe obusikelelekileyo kunye nathi, kwaye bungaphakathi kuthi, businqwanqwada, busikhokelela kuyo yonke iNyaniso nokuKhanya.

⁸⁴ SiyaKubulela ngezi zandla zininzi zinyukileyo, ngale ntsasa, zisithi, “Ngoku ndithatha uKristu njengowam.” Owu Thixo, ukuba abazange babhaptizwe emanzini, ukumela

ukufa okukhulu, ukungcwatywa, novuko lweNkosi yabo esikelelekileyo, banga bangabuyela enkonzweni ngale ntsasa, bezisa iimpahla zabo, belungele ukuhlela kweli qula linomkhenkce. Siphe oko, Bawo.

⁸⁵ Sisikelele. Usixolele izono zethu. SiyaKukunika indumiso, kuzo zonke izigaba ezizayo. Xa idabi lonke liphelile, xa umsi wonke womile, kwaye uvuyo luphelile, lwale milebe yasemhlabeni, apho siKudumisa ngayo yonke into esinayo, kuya kufuneka sibe namazwi amatsha, iziqu ezintsha, ukuze siKudumise ngazo. Yanga singangena ngoko ngovuyo. Kuba sikucela eGameni likaKristu. Amen!

⁸⁶ Masime ngeenyawo ngoku...?.?.?.Ningalibali iinkonzo, ngecala yentsimbi yethoba. Hambani niye ekhaya, nidle isidlo senu sakusasa. Buyani, silindele ukuba nani ngoku. Kuze emva koko ngokuhlwanje, khumbulani. Ndimelwe kukuba ndihambe ngale njikalanga, ndifunde kwaye ndithandaze.

⁸⁷ Kuba ndithi kuni, UKristu uhleli, Akafanga. Kwaye ndiyakholwa, ngentliziyo yam yonke, Uyakuba lapha kanye kwesi sakhiwo ngokuhlwanje, ukubonisa ukuba Uyaphila, ukwenza kwa ezo zinto zikwanye Awazenzayo ngentsasa yokuqala yePasika nangohambo lobomi Bakhe. Ukuba akunjalo oko, ngoko bendingumprofeti wobuxoki. Ndivuya kakhulu ukwazi ukuba kule yure inkulu yobumnyama esiphila kuyo ngoku, xa lonke ithemba, kukhangeleka, lingasekho; UKristu, iLiwa eliqinileyo esinokuma, yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo. Konke kulungile.

⁸⁸ Elethu elincinci, iculo lokundulula, elithi *Thabatha IGama Lika Yesu Uhambe Nalo*. Wonke umntu, kunye ngoku.

Thabatha iGama likaYesu uhambe nalo,
Mntwana wentsizi nentlupheko;
Kuya kuvuya kwaye. . .

⁸⁹ Guquka, uze uxhawule izandla, uthi, “Mayibongwe iNkosi,” komnye umntu ecaleni kwakho. (Ke, mbongwe uYehova. . .?.?.?)

Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
Igama elixabisekileyo, Owu limnandi
kanganani!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

⁹⁰ Ngoku wonke umntu ujonge ngqo ngale ndlela. Masimdumise nje Yena. Masiphakamise nje izandla zenu, kwaye nithi, “Ndiyabulela kuWe, Nkosi, ngokusindisa umphefumlo wam.” Kulungile, wonke umntu!

Ndiyabulela kuWe, Nkosi, ngokusindisa
umphefumlo wam,
Ndiyabulela kuWe, Nkosi, ngokundiphilisa;

Ndiyabulela kuWe, ngokunikeza kum,
Usindiso Lwakho olukhulu luzele kwaye
lusimahla.

⁹¹ Enjani yona ukusikeleleka into! NiyaMthanda? Yithini,
“Amen.” Owu, i...Yonke into igqityiwe ngoku, bantwana.
Yonke into iphelile, akusekho dabi lumbi, akusekho mfazwe
yimbi, akusekho nto umelwe kukuyenza; sele yenziwe. Siyavuya
nje! Owu bethu! Siphelele, kuYe!

...ukwayama,
Ukhuselekile kwaye ukhuselwe kulo lonke
ixhala;
Ukwayama, ukwayama,
Ukwayama kwiingalo ezingunaphakade.
Owu, kumnandi kangakanani ukuhamba ngale
ndlela yomhambi,
Ukwayama kwiingalo ezingunaphakade;
Owu, indlela ekhazimla ngayo indlela ekhula
ngayo usuku nosuku,
Ukwayama kwiingalo ezingunaphakade.
Ukwayama, ukwayama
Ukhuselekile kwaye ukhuselwe kulo lonke
ixhala;
Ukwayama, ukwayama,
Ukwayama ngeengalo ezingunaphakade.

Wena onako, kwaye ube unetshefu, yikhuphe.

...owu, ukwayama,
Ukhuselekile kwaye ukhuselwe kulo lonke
ixhala;
Ukwayama, ukwayama,
Ukwayama kwiingalo ezingunaphakade.

Ngoku iBhayibhile yakho!


Ukwayama, ukwayama,
Ukhuselekile kwaye ukhuselwe kulo lonke
ixhala;
Ukwayama, ukwayama,
Ukwayama kwiingalo ezingunaphakade.

⁹² Ingaba yintoni? Ukhuselekile kwaye ukhuselwe, yonke
indawo, yonke igqityiwe, idabi liphelile, itywina lokugqibela
laphulwe, Wenyukile. Halleluya!

Ukwayama, ukwayama,
Ukhuselekile kwaye ukhuselwe kulo lonke
ixhala;
Ukwayama, ukwayama,
Ukwayama kwiingalo ezingunaphakade.

⁹³ Ngoku masithobiseleni iintloko zethu eluthulini apho
uThixo wasithabatha khona, apho siya kunyuka ngenye

imini siphuma eluthulini lomhlaba. Ngokuba, iNkosi yethu, yaphuma eluthulini, yaya eluthulini, ukuze isinike uMoya wayo ongafiyo, Yenyuka iphuma eluthulini, nabo bonke abo bakuYo, bayakunyuka kunye Nayo ngenye imini, baye kwimimandla yabasikelelweyo.

⁹⁴ Njengokuba sithobe iintloko zethu, ndibona uMzalwana uSmith ephakathi kwethu, ngale ntsasa, umalusi weBandla likaThixo; undifowunele phezolo. Mzalwana Smith, ungehla nje. Andazi ngoku, ukuba uMzalwana Smith uyakusindulula ngelizwi lomthandazo. Njengoko nikhawuleza ukuya emakhayeni enu, nize nibe nesidlo sakusasa senu. Buyelani inkonzo yeSikolo seCawe, kunye nenkonzo yobhaptizo, ngokukhawuleza iqale ngecala leyethoba. Ingaba singathoba iintloko zethu, ngeli thuba uMzalwana uSmith endulula ngomthandazo. 

OMKHULU NONAMANDLA UMEYISI XHO57-0421s

(The Great And Mighty Conqueror)

UTHOTHO LWEE MVUSELELO ZEPASIKA

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa yePasika kusasa ekuphumeni kwelanga, ngo Epreli wama-21, 1957, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2023 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org